S.E. Mqhayi: *Imvo Zabantsundu* (04 August 1914), page 1

**Kwa Centane**

Kaloku lo Centane lelazwe ama Ngqika aqhutyelwa kulo ngu Sir G. Sprigg emva kwemfazwe ka Ncayecibi; wawaqhuba ngesikondo sompu, kungekuko nokuba ayengalifuni elozwe, - kunanamhla oku kusenjalo. Mna ke nangani ilanga ndiqale ukulibona e Tyume, emdeni we Macfarlane no Gqumahashe e Dikeni, ndibe ku Centane apo ukususela esitobeni iminyaka yobudala kwade kwesa kwishumi linesihlanu. Ubawo wati noko wayengawelanga kunye nenkosi zake wabuye wanesitukutezi wazilandela. Ndite mna ndafikela kumzi wesibonda ubawo omkulu u

NZANZANI MQAYI

Ndaba netuba elihle apo lokufunda isi Xhosa; kuba ubesiti u Ndiinangele esenetuba lesiqingata semayile, avakale: "Ndimangele!" Bendinetuba elimnandi ke nam lokunqangaza nditi: "Hambisa!" Atsho, atsho ade aye atshonele. Bekungeko nto ibindikolisa njengokutatela amadoda amalahle xa ngoku linganzingwayo ityala elo, ndibe mna sendidlisa indlebe, ndifunda.

KWASE DIKENI

Ndite kanye xa ndilishumi linesihlanu iminyaka, wafika umteto ka bawo oti mandiye kufunda e Dikeni. Ndaba mna kuko nto ibhetele ndiya kuyifunda e Dikeni (Lovedale) apo; ndayilahla nengubo yam yegusha, yekoko. Ndigongqoza kwelo Dike iminyaka yomitandatu; ute uyapela lo wesitandatu, babe abafundisi sebe

NDIBIZELA ESIDILIYENI

Okunene ndiwuqale umsebenzi e Monti; koko ndasoloko ndine xhala lokuti ndinemfanelo endingayenzanga, oko nje ndingekapindi ndiye kwa Centane, ukuya kubonisa izinto endazifumana kwelo Dike ndandisiwe kulo. Ndite ke ngenxa yeloxhala ndake ndayishiya i Monti ndaya kutsho

E GQUNGQE KOMKULU,

ndazilandulela apo ukuba andifumananga nto e Dikeni, ndaye kwangeloxesha iminyaka etile ndifunde isi Xhosa, kuba ndandikomkulu. Oko ndalishiyayo ke elo, andizange noko ndipeze

ukuhlala ndihlale ndiye kuvela. Iminyaka ngoku ibiseyi kufupi nesihlanu ndingayi. Njengoko ke Mhleli seletshilo umbhaleli wako welozwe, ndite ngale holide ka June no July ndati make ndenze umgxada; okunene ke ndihle e Gcuwa, apo ndi bonene nesihlobo sam esidala, esaziwa kulemiqolo ngokuba ngu Nobenza. Ndiliqale ilizwe elo

## KUMA GWELANE

Ama Gwelane ke ngabantu baka Anta, into ka Ngqika, u Ngqika wamtabata lonyana wake ungu Anta wamfaka kwindlu yomninawa wake u Ntimbo, owafa engazalanga. Lompi ke ininzi kakulu ngoku, yiyo le ihle ne Kobonqaba elo ngase mpumalanga; intloko ngu Velapi into ka Bobozayo. Andcnzanga zintsuku zigqitileyo apo; ndibushiye busavuza ububele ndaya kunyatela

## E OFISINI

Apo ndihle ndaqubisana nekumsha into ka Bingwa, esite sisangqokolisana avela amadodana into zo Mazwayi umfana okolisileyo kwelozwe ndakuqonda; eka Manana indodana efikayo kodwa seyiwudlile umzi; eka Dubu umjingqi nozwane. Abe maninzi amanye amakaba endiwabone apo, kodwa lomfo ka Bingwa ndive futi ngaye kamnandi. Into ka Mda ndifike iluhaluhalu yile “Ntshukumo ka Xabanisa,” endite mna ndantyontya, kuba ndisiti okona kukuko kukuwa sivuka.

## EZINYE INDAWO

Lite kuba ixesha Mhleli lalinqapele, andalibala ndawo, ndapikela ukugqita, endide ndafika e Msendo, ku Ngede, e Cebe nase Gqunqe; ndifikele kumalungu e Bhunga Elikulu into ka Bukani neka Kona u Pakamile, - ndake ndanemfundiso endizifumanayo zase Bhungeni. Ndifike kuyeyezelwa kulo lonke, noko izinto azisentle ngenxa yomcepe awati u Ntsikana maze ungatatyatwa hleze umzi usale nenkwitshi. Ndicinge ukuti kungaba sekukokwe Nkosi ukuba lonkwitshi ayikasinamateli

## E COLUMBA

Apa ndifikele kwinto ka Mos ebendisakuti ukuyiteta:

Yi Bondana ka mama,

U ziqula zentaka, -

Tyini! kanti buboya!!

Ndifike namhlanje i Bondana leyo seyingumfundisi endaweni ka Rev. J.M. Auld owelileyo; ukuba ngumfundisi ke nditeta umsebenzi wonke womfundisi otiwe fihli kuye. Ukuba ibindim no Bango besiya kusuke ngoku sizitengele ikala eqotyoshwa ngasemva - ewe kuba kunam, sekunjalo kade nje? Indlu entsha yenkonzo ibugqibe ubuhle xa kutiwa yakiwe ngamadodana amnyama odwa, yaqala yanomkita ngokungakumbi. Ndifike nendlu yesikolo iqubele pambili, kukokona intsha, ongetshoyo ukuti leliya kehle sasikade sisamkelela kulo amabhaso ehempe oko bekusenjiwanjalo.

U SO NTSOMIKAZI

Ndidlule e Columba, besemana ukuti “kuyabonakala ukuba ngumfo we Sikumbuzo,” ndaya kutsho o Ngcengane kwa Sibonda, ndiqubisene apo no bawo u So Ntsomikazi indoda yona enganditandanga noko bendivimba ngazulu nje kwelo. Lendoda likolwa lalawa akudala, nayo seyi nentsuku kakulu. Site kwasezincokweni apa sahle sapambana malunga nobu “nene,” ndite nma singamanene tina kuba sirawuza ngezihlangu, sifake ikala. Ute yena, “Kawutululele umfazi lowo amasi ezihlangwini apo sibone,” ute ikala ezi sizifanisa namahlungulu, libe ihlungulu elo ingentaka inabuhle baluto. Ndite mna, tina sitya ngemela ne folokwe, asixelisi bona babamba ukutya ngezandla, ngati abanga wo manene. “Intoni,” utshilo, “into zini zona, into ezadla zihleli e Qonce, etshaputshapu, njalonjalo.” Kute kupi sayipetula incoko yamalunga nezi Bhalo; ute eteta ngo Adam, ndabe mna ndincoma u Efa umfazi onengqondo. Undite “rawu” kakubi ngoku u bawo, wafuna ukuqonda indawo enditsho ngayo ukuba u Efa unengqondo; ndite ngalento yokuba wawutyayo umti owenza impucuko, ukuze kungahlaliwa ze, ngati ngamaqaba; ute u bawo mandipeze, nditeta kakubi, isi Bhalo ndiya sibhukuqa. Ndite mna, hayi, maze andinike iplani yake ndishumayele obu bulumko buka ma omkulu, kuba kwakuya kude kuzalwe nini ukuba waye ngasukanga atye umti lo? Uvutulule mpela ngoku u bawo esiti: Angayihluta nalo plant nokuba ebesele ndinikile xa kanti ndishumayela ulahleko; ndite mna, “Silwa[1] eplekstulweni kuba ndingati leplani ubundipile. Sahlukana no bawo engalibali ukuti kanti ingqondo yam yonakala kangaka.

[1] Silwo

## INQUBELA

Ndifike izakiwo kwa Centane zijube le kunoko fuda zinjalo. Imfundo ndifike ilangazeleleka kakulu, amadoda esalusa kuba amakwenkwe ase mfundweni. Ndibone amadodana amaninzi abeqaba angasaqabiyo, amanye angene efunda. Imiti ityelwe kakulu emakaya, yalolunye upau oluhle olo. Ute akufika u Basayi ka Mdluka (ifiva yonxweme), kuba batsho ukusiteketisa, batofa ikakulu lelali, ayabiko lanto yokungalifuni icebo lomlungu, abatofileyo basindelwe; ndati yinqubela ukutofa oko. Enye inqubela endipaule kakulu kuma Gwelane e Teko yeyokuzama ukufuya igusha; koko inxenye ite kanti izama ngendlela zase zinyoka, anayo amapolisa. Ukwakiwa e ofisini ngati kokona kufikwayo, ngabamhlope nabamnyama. Inkoliso yezinga ezifumane zahlala, ndifike ingamasimi ngoku kwezondawo.

Umbuzo endiwubuzwe futi ngowokuba kutenina lento ndisengakaya? Nditi ukupendula, kaloku umntu akajikeki engekafiki nakuma 40 eminyaka. Isuke ibe lelinye ityala elo, kubuzwe ngoku ukuba ndigangara pina leminyaka, kukudala kangaka nje besiva ngam nase mapepeni? Ndidle ngokupeta ngokuti ndizipete kakuhle. Ayeke wumbi erora, kuba ulindele ukuva iyeza enditya lona lokugcina ukungalupali.

## E TUTURA

Ewe, ndinyatele nalapa, kwinto zo Tyam, no mfundisi odumileyo u T.B.S., ndibonene apo nomfundisi warn u W.D.S. wase Qonce, naye engapolile mayela ne Ntshukumo ka Albertus. Isitate into ka Zaze yasilayisha ekalityini yayo ukuya e Gcuwa mini sagoduka. Saba siya mshiya u Centane onobubele; zaye zingenganganto igusha ne bhokwe ezibe lidini loluhambo, elowo ebubonisa ngegazi ububele; noko ndixakeke futi ndakufika ezinkosini (ama Tshawe) kuba nditi ndisiya ndizazi ukuba ndingumpakati, ndifike ngoku sendingumyeni, ndibone ngam sendibambekile[2] ngoku; kaloku umfazana lo yintombi ka Nakwa into ka Rarabe, kulo Tshisa; yaye lonzala ininzi kwa Centane kenjengeya kowetu.

## EKAYA

Sikwele kuloliwe, sati xa sise Nciba kwako umfazi obhongelwa ngumntwana ngokoyikekayo, wada waziposa pantsi unina engayazi nento ayenzayo, kuba uti umntwana uyaqauka; (eziposa itreni imi) esiti uyabhaca. Ndide ndamtata umntwana, ndabiza i eucalyptus oil ku

---

[2] sondibambekile

Notayitile, samhlikihla ngayo, samjojisa, samolula - walala, wavuka e Qumra umntwana wancokola, wadlala. Singe siti tyi apo, gqi umfana, wakuza saba kuko nto; kanti ufuna ukusixelela ukuba nguye lowa samtata elele endle saya kumngenisa kowetu, enosapo lwake, - samkumbula; yaputaputa inkewu ikohliwe, yapuma nengwaluba zontandatu yacamagusha. Hayi ke, nkosi, siye sagaleleka ekaya, sihlaziyeke kakulu. Ndiya bulela ngesi situba singaka, Mhleli.